## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQULATHO**

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Intlakohlaza' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 7 |
| 2. 'Unxunguphalo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Amazwi obulumko' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'Uvukani madoda kusile' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| 5. 'Ingoma kaVelaphi' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 11 |
| 6. 'A! Ngangomhlaba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |
| 7. 'Umlambo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 13 |
| 8. 'Ukwenziwa komkhonzi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 14 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 9. 'Uyintoni na umntu?' | Umbuzo omfutshane | 10 | 15 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 10. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| 12. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| 14. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| 15. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 16. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 17. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

| **ICANDELO C: IDRAMA**<br><br>**Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
|---|---|---|---|
| 18. *Amaza* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 27 |
| | | | |
| 19. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 27 |
| | | | |
| 20. *A-a-a! Jongumsobomvu* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 30 |
| | | | |
| 21. *A-a-a! Jongumsobomvu* | Umbuzo omfutshane | 25 | 30 |
| | | | |
| 22. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 32 |
| | | | |
| 23. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 32 |
| | | | |
| 24. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 35 |
| | | | |
| 25. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 35 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

## ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–8 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 9 | 1 | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 10–17 | 1 | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 18–25 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

## *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZISIBHOZO ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SESIHOBE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe**

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Mvuseleli, sithi tyaph'ufike.
Luhl'uhlaza olwambes'umhlaba,
Neentyatyambo ezigqagqeleyo.

Ubulusizi umhlaba ukhedamile,
Uxwebil'uhlininika, umbi-
Namhla uyancuma, uyahleka,
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ubugugile, wambeth'amajacu,
Uneentloni, amehlo ejonge phantsi;
Wawambesa, wanjengomtshakazi.
Ntlakohlaza, siyakubulisa!
.................................................................

Yonwabile nayo imifula,
Iyadloba ngokwamatakane,
Ihlokoma, idanduluka isithi,
'Ntlakohlaza, siyakubulisa!'
.................................................................

Bonisa indlela esisetyenziswe ngayo isigama ukuphuhlisa umxholo walo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNXUNGUPHALO – N Shasha**

Ndivumeleni ndizityand'izigila,
Ndiza kunaba ke ndixel'uqaqaqa,
Zonwabil'izizwe ngezizwe ndibukele,
**Zihla zinyuk'iintlanga** ngeentlanga zidabalele;
Ziyatambat'izizwe neentlang'ezingenasazela,
Abantwana bokuzalwa banxunguphele.

Kuba ngasa liphalal'igazi lomAfrika,
Kuba ngahlwa agetyengw'elel'umnt'omnyama;
Liphalala kube lusizi kanye kwabokuzalwa,
Zininz'iinkedama zilile zade zakhedama;
Baninz'abahlolokazi bakhale de bancama;
Ndakujong'abomthonyama banxunguphele**.**
.......................................................................

2.1 Thelekisa umqolo woku-1 nowe-2 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

2.2 Nika umfanekiso ngqondweni ovezwa libinzana elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-4? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.3 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo wesi-6? (2)

2.4 Xela uphindaphindo olufumaneka kumqolo we-11, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

2.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza**

Yivani ndiniphakele amazwi obulumko,
Khon'ukuze niluphumelele ugqatso lobomi.
Yibani ngabantu abanesimo nesimilo.
Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,
Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela.
**Thantamisanani** ninokuvelana nokuncedana,
Khon'ukuze nibe nokuphumelela.
Omnye komnye, yibani nokuthobeka,
Lahlani ikratshi nokuzicingela,
Yibani banye nithandane nonke.
Zilahleni iinkcuku nobuhlanga,
Nibe novelwano omnye komnye.
Yenzani njalo ke niziintlanga nonke,
Kub'igazi lenu linye xa ninonke.

3.1 Thelekisa umqolo wosi-3 nowe-4 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

3.2 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukuba lo mbongo yisonethi. (2)

3.3 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-6? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.4 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo we-12? (2)

3.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa**

Ndikhumbul'eNxu-u-ba,'
Watsh'uVukani madoda kusile,
Wathi makuthengw'eyekhakh'ibhulukhwe;
Yatsh'int'ekhonya ngamava,
Yatsh'ixel'isifingo sokusa.
....................................................................

Nkunz'edla kamnandi edla neemazi,
Nkunz'eyaziwayo yaziwa ngamathole.
**Yaqhwaya** madad'izihlamb'emgqubeni,
Yancedis'ukufun'isitshix'emfungu-mfungwini.
........................................................................

Wakhony'emnyangwen'emini,
Wagxothwa kub'ubiz'iindwendwe kulanjiwe.

Wakhul'amajengxeb'emlenzeni,
Awu kamb'iintsuku zihambile.
Mqhagindini uxatyisiwe
Wotshindini yakowethu uyathandwa,
Ndatsho nam ndancoma.

4.1 Thelekisa umqolo woku-1 nowe-2 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

4.2 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukuba esi sisibongo. (2)

4.3 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-8? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Xela isafobe esifumaneka kumqolo we-13, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

4.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OSISINCOKO SESIHOBE)**

**INGOMA KAVELAPHI – JJR JOLOBE**

Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
Lwelizwe lobawo.

O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
Iinduli kwanamathambeka elizwe,
Elimpangalala; siphuma ingqina,
Siland'ekhondweni lexhama
Kwilizwe lobawo.
…………………………………………..

Indoda kaloku, sithandwa sam,
Imelwe kuphath'umhlakulo, nomfazi
Agcine intsapho, ukuze luzale
Olweth'ulonwabo, Nojenti sithandwa,
Kwilizwe lobawo.

Bonisa indlela esisetyenziswe ngayo isigama ukuphuhlisa umxholo walo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**A! NGANGOMHLABA – SEK Mqhayi**

Yema mangqangq'iMasipalati,
Akroz'amajon'oMkhosi,
Yahlahlamb' iNtambula ka- I.C.U.
Yathi: Ngambu-ngambu-ngambu!
'Zaphal'imoto nemotokali',
Laphalal'igazi leenkabi zontathu,
Zakhala zakuhlatywa zatakazela!
Zathi, Bho-ho-ho kankomo!
**Lanyikima** lonk'elakwaGompo,
Zaqaba calany'iintokazi;
Laxakek'igwangqa lenqwelem:
Lafun'ukuth'inkanun'ayikenzi nto.
A! Ngangomhlaba!
A! Ngangomhlaba!
…………………………………………..

Bebedityaniselwa ntoni n'abangaka?
Kusaphuk'imikhonto nje ngoku siphi na?
Yaba kukudlula kwalo njalo
Malixol'ilizw' inkwenkw'ifumanekile.
Mazibuy'izinto ziye ngeendawo zazo.
Tarhu Jikijwa, nawe nto kaRubusana
Kade sinixelela zinkosi-
Sisithi wagcinen'amadun'akowenu!!
Ncincilili!!

6.1 Thelekisa umqolo woku-1 nowe-4 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

6.2 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukuba esi sisibongo. (2)

6.3 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-9? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.4 Xela isafobe esifumaneka kumqolo we-15, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

6.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMLAMBO – JJR Jolobe**

Mna ndingumntwanana
Wesibhakabhaka.
Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
Ndandihamba-hamba
Ngenqwelo yomoya,
Ndinxib' ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa.

Ke ndondel' ezantsi,
Ndanqwenel' ilizwe,
Ndavatha iingubo ezizezozilo.
Ndaza ke ndacanda
Isibhakabhaka,
**Ndimenyezela** njengombethe qhwa.

Ndaza ke ndawela
Phezu kwalo mhlaba
Udaka nothuli olungcolisayo.
Suka ke ndangcola,
Ndambi njengodaka;
Ndehlel' ebumnyameni ngaphantsi phaya.
..................................................................

7.1 Thelekisa umqolo wesi-2 nowesi-3 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

7.2 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo wesi-6? (2)

7.3 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-12? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Xela isafobe esifumaneka kumqolo we-17, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

7.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe**

Andisenakubuza ndisithi kunjani na
Ukukhanywa yintambo yedyokhwe emqaleni
Kuba ndizibonele kwinkabi yomqokozo,
Ubumfama bamehlo busukile ndagqala
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

**Yabigudile** intle, izalelw' inkululo
Ingaceli nto mntwini izingca ngobunkomo.
Uthe umntu mayibanjwe iqeqeshwe, ithambe,
Ezilungiselela ngokunga uyasiza,
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.
................................................................

Ibe ngakhabalaza izam'ukuqhawula
Kwathethwa ngezinja. Ijonge nangasemva
Iba iyaxakisa koko kuthiwe 'Betha'.
Obotshiwey'uyinto yokudlala kwigwala
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.
...............................................................

8.1 Thelekisa umqolo wesi-5 nowesi-6 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

8.2 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.3 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo we-13? (2)

8.4 Xela injongo yokushiywa kwesikhamiso kumqolo we-16. (2)

8.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

### UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UYINTONI NA UMNTU? – MMM Duka**

Uyintoni na umntu uqobo xa engengomoya?
Wafaka ntoni na, uMdali, kwidongwe elalingenabomi?
Akafakanga Moya wakhe na, onamandl'okudala ubomi?
Akamcuntsulela na, ke ngoko umntu loo mandla?

Ukususela ekudalweni, umntu inqobo waba ngumoya,
Onamandla okudala, yosuleleka nengqondo,
Yaxonkx'iingcamango, izimvo yazizitena,
Zokwakha ilizwe, esilibonayo nelifihlakeleyo.

Ma-Afrika amahle ninenyhweba enkulu
Yokucatshulelwa nguMdali, amandl'okudala.
Bhubhisani ukuzidela, niphuthume ukuzithemba
Akhululeke loo mandla, nibumbe ilizwe elitsha!
I–Afrika ehlaziweyo, i-Afrika ezibonelelayo,
I–Afrika ephilileyo, i-Afrika eziphuhlisayo

9.1 Thelekisa umqolo woku-1 nowesi-2 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

9.2 Nika iimpawu zibe mbini ezibonisa ukuba le yisonethi. (2)

9.3 Xela isafobe esifumaneka kweli binzana … 'izimvo yazizitena', uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

9.4 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo we-14? (2)

9.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu kunye noncwadi lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/kuNcwadi lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 15.
- Kuncwadi lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE,ukususela kumbuzo 16 ukuya kumbuzo 17.
- Phendula umbuzo ube MNYE kweli candelo.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/ kuNcwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI) OKANYE UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Bonisa ukuba isihloko sencwadi esithi *Nyana wam! Nyana wam!* siyahambelana neziganeko eziqhubeka ebalini.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Bathe basahleli belinde njalo babona ngenkunzi nemazi yengonyama zisithi gqi kufutshane. Bathi besaxakekile ukuba baza kuthini na zaye sezifikile. Hayi ke zenza iziqwenga zibaqengqa, yaba bobo busadu-sadu. Kuthe kweso siphithiphithi wabaleka uThole wakhwela emthini wawabukela loo masikizi abantu beqwengwa zingonyama.

Wayesithi akuyibona le nto kuthi makafihle amehlo, ingumbono ongajongekiyo, kodwa athi ewafihlile njalo amehlo kwale ukuba angajongi. Ngesiquphe ezi zilo zozibini zagqiba isihlanu samadoda ebukele uThole satya sakhothuluza sishiye iintloko zodwa. Kweso sihlanu sasiqwengwa zingonyama kwakukho uThemba noSonwabo, iintanga zakhe. Zithe zakugqiba yabuya inkunzi yengonyama yeza kulo mthi akhwele kuwo kucaca ukuba iyambona.

> Yafika yatsho ngomgqumokazi owatsho kwanyikima umhlaba, suka nomthi lo akhwele kuwo wangcangcazela ngathi uza kuwa, yaye imana ukulengetyeka le nto kumthi imtsibela ingade ifikelele kuye, ivuza izinkcwe kukumbawela. Wabambelela emthini ebambe umzimba ekubukele ukufa kumana ukulengetyeka phantsi kwakhe kusenza loo masikizi. Yalengetyeka yalengetyeka inkunzi yengonyama phantsi kwakhe yada yadinwa, suka yee buthuthu yangqengqa phantsi kwaloo mthi. Kwiimpahla ezazikuye uThole yayizezo wayezinxibile kuphela naloo ngxowa wayengahlukani nayo efake iincwadi ezintathu iBhayibhile neencwadi ezimbini awazinikwa nguThozama, okuyingubo kwakuthe geqe phaya ethe ngokothuka ekufikeni kweengonyama wayishiya engenakho nokuba angaya kuyithatha.

11.1 Xela ukuba kwenzeka ntoni ukuze bazibone sebedibana neengonyama ooThole? (2)

11.2 Loluphi udidi lwempixano olu kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

11.3 Ngesiquphe ezi zilo zozibini zagqiba isihlanu samadoda ebukele uThole satya sakhothuluza sishiye iintloko zodwa.

Mfanekiso ngqondweni mni ovezwa sesi sivakalisi singentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Kwaba nafuthe lini ebomini bukaThole ukudibana kwakhe namakhwenkwana eKnysna? (2)

11.5 Ungathi uThole ngumlinganiswa onjani? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.6 Ngqina ukuba inkolo yobuKrestu yaba nefuthe ekubeni uThole alishiye elaseKnysna. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

> Apho enkomponi kwaMangqukela kwakukho inkathavu yexhego eyayingaziwa lulutsha ukuba yafika nini na, befikela kuyo abafikayo baphinde bagodukele kuyo. Kungasekho msebenzi iwenzayo enkomponi ngaphandle kokuhla inyuka itshayela. Igama eyaziwa ngalo kusithiwa nguFaltein, ngenxa yengubo emdaka elalisoloko liyambethe. Xa ubuza ikhaya yayingeze yakuxelela. Buza ukuba yoze igoduke nini na, wova ikubuza ukuba igoduke iyephi na.
>
> 'Awu wandibuza ukuba uyaphi na khehle akunakhaya?'
> 'Uhleli apha nje ugugela endundumeni okwengolovane zikhwelwa ngubani iimfene ekhaya?' wotsho obuzayo ahleke. Lowo ke umbuzo awuyi kuba nampendulo ngaphandle kokuba wobona ngomntu omkhulu echiphi chiphiza iinyembezi elila ukusuka apho aphume ngamnyango akushiye apho.
>
> 'Oobawo uMkwayi ngala maxhego ashiya amakhaya ngokutshiselwa imizi ngenxa yokuthakatha,' wova besitsho abafana bemnxwala bengenamsebenzi nanyembezi zakhe. Emva koko ke kolandela ukungonwabi kumntu omkhulu kangangeveki yonke. Athi akuyiqaphela le meko amadoda amakhulu abayala abafana ukuba bangathethi naye bambuze ngekhaya kuba kucacile ukuba inkulu into eyaligxotha ekhaya eli xhego.

Besancokola abafana ngalo mfundisi langena eli xhego lachopha limamele le ncoko. Kuthe kuphakathi kwacaca ukuba linomdla,lavakala lisithi, 'Nithini na bafana bam? Nithi lo mfundisi kuthiwa ufunde kangaka ukudlula abelungu ngumXhosa?' 'Ewe baw'uMkwayi kuthiwa ngumXhosa,' yatsho enye intwana ukuphendula.

11.7 'Uhleli apha nje ugugela endundumeni okwengolovane ...'

Loluphi udidi lozobo alusebenzisileyo umbhali kulo mgca ungasentla? Xhasa impendulo yakho. (3)

11.8 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.9 'Oobawo uMkwayi ngala maxhego ashiya amakhaya ngokutshiselwa imizi ngenxa yokuthakatha.'

Ukuba ubunguMkwayi ubuya kuphendula ngelithini kule ntetho yalo mfana? (2)

11.10 Ingaba le ncoko yaba bafana yaba nafuthe lini kweli xhego? (2)

11.11 Ingaba isiphelo sale ncwadi sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[25]**

## UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Bonisa ukuba isihloko sencwadi esithi *Ukhozi Olumaphiko* siyahambelana neziganeko eziqhubeka ebalini.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Ukuphuma kwethu emasimini ndandithukuthezelwa yimibuzo emibini endandingafuni kuyiphendula.
'Ndiyaya okanye andiyi entlanganisweni ngeCawa. Ndiyifunde okanye ndingayifundi incwadi kaNokuzola?' Zakhawuleza zona iintsuku lwafika usuku lwangeCawa. Ndisajika-jikana nokuya nokungayi entlanganisweni eyayiseyivakaliswe nakoonomathotholo nencwadi ndingekayifundi, wandihla entloko uSqithi endibuza ukuba ndide ndagqiba kwelithini na.
'Ukuba akuyanga intliziyo yakho ayisokuze yonwabe kuba uza kusoloko ufuna engqondweni ukuba kuxoxwe ntoni na ekuphosileyo.'
'Andiqondi ukuba kuya kunceda nto ukuya kwam kuloo ntlanganiso.'
'Mhlawumbi kaloku uya kunceda abanye ngokuya kwakho phaya.' Kwakucacile ukuba uSiqithi uyenza eyakhe le ndaba yentlanganiso. Ndingekaphenduli waqhuba umfo omkhulu. 'Ukuba bendinguwe mna bendingayayo, ndive ukuba kuza kuthiwani na, ndibone ke ngoku into emandiyenze.'
'Uyaqonda phofu ukuba ingajika ibe yingxaki into yokuya kwam kulaa ntlanganiso?'
'Njani?'
'Ndagxothwa entlanganisweni kuthiwa ndingumrhubuluzi? Ufuna ndiyokuphoxeka phaya kwakhona?'
'Andikholwa ukuba wonke umntu ucinga ngolo hlobo. Hamba mfondini uye entlanganisweni,' Akugqiba wee gwiqi, wayokutshona ngasebuhlanti. Ndishiyeke ndicinga nzulu ndiyiphethu-phethula into yokuya entlanganisweni. Asikuko nokuba ndandisoyika ukubeka ubomi bam esichengeni koko ndandinetshiki exube nokungenwa yintiyo. Ndandifuna ukuzinxwema kubantu ekwakubonakala ukuba abawahlonelanga amalungelo abanye, abantu abalawulwa ziintliziyo ingekuko okwengqondo. Enye into ndandinganqweneli ukuphinda ndibone ubuso bukaFriday noNokuzola.

13.1 'Ndiyaya okanye andiyi entlanganisweni ngeCawa. Ndiyifunde okanye ndingayifundi incwadi kaNokuzola?'

Loluphi udidi lwempixano olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

13.2 Yayiyintoni injongo yentlanganiso ekucaca ukuba akafuni kuya kuyo uMfazwe? (2)

13.3 'Ndagxothwa entlanganisweni kuthiwa ndingumrhubuluzi?'

Ingaba ukugxothwa kukaMfazwe kwaba nafuthe lini ebomini bakhe? (2)

13.4 Chaza ukuba ubuya kuya na kule ntlanganiso kuthethwa ngayo kumbuzo 13.2 ukuba ubunguMfazwe. (2)

13.5 Sesiphi isiganeko esenzeka endleleni eya entlanganisweni? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

'Uyaqonda phofu ukuba bubomi babantwana babantu obu ugqiba ngabo wedwa Khonjwayo?'
'Kungcono ndigqibe ndedwa kunokuba ndigqibe nempimpi.'
'Ndothuka ndatsho ndanomchanyana ingakumbi xa ndiziva le mpi isimameleyo ihleka. UKhonjwayo uyithatha phi ke ngoku le ayithethayo? Makube ukho ombaliseleyo kwezi ntwana zivela ngasekhaya.'
'Ngubani impimpi Khonjwayo?' Kwizinto endingaziphiwanga, umsindo yenye yazo. Ndawuva usiza ndazama ukuwubamba, kodwa impendulo kaKhonjwayo yawuvuthela.
'Ucinga ukuba akwaziwa ukuba uyaxela Siqhwala?' Kwakusele kuthe wayi wayi ngamaqabane kwindawo esasikuyo, kuba umfo lo wayethethela phezulu. Ukuba andinakwenza nto ngoKhonjwayo kuza kufuneka ndimbaleke naye ndixele uFriday, yandixelela ingqondo yam. Ibe kwanguye othethayo.
'Ukuba ucinga ukuba ungenza into kum uya kuzisola kuba ndiya kukuqhawula nomnye lo umlenze.' Loo mazwi alandelwa yintsini ecaphukisayo, noko ndazibamba ngemikhulu yona imigudu. Ndandimbona uKhonjwayo ukuba uxhinele ekulweni.
'Asikho isizathu sokuba isilwise le nto Khonjwayo.'
'Yiva igwala elikhulu,' watsho endithi xhakamfu ngesifuba. Impama yam akazange ayibone nokuba ivele ngaphi na, swahla, apha ezintlafunweni. Wajuba phantsi uKhonjwayo ngathi udutyulwe, kothuka nam ngokwam kuba indoda le yayikho inezoso, iyindutsuba eyondlekileyo ngathi lihashe lombaleko. Kuthe dungu akuwa phantsi, ikhaba limangalisiwe yindlela le asuke wakhahleleka ngayo eluthulwini. Usuke ngoku uKhonjwayo waduda okomntu onesathuthwane, wajikeka umlomo,wabhedulula amehlo. Uthe akukhohlela wahlanza igazi, elinye laphuma ngeendlebe.

13.6 'Ucinga ukuba akwaziwa ukuba uyaxela Siqhwala?'

Chaza ukuba sekutheni uMfazwe sele ebizwa uSiqhwala nje? (2)

13.7 'Ukuba ucinga ukuba ungenza into kum uya kuzisola kuba ndiya kukuqhawula nomnye lo umlenze.'

Ngokwesi sicatshulwa ungathi uKhonjwayo uzotywe wangumlinganiswa onjani? (2)

13.8 '... indoda le yayikho inezoso, iyindutsuba eyondlekileyo ngathi lihashe lombaleko.'

Loluphi udidi lozobo alusebenzisileyo umbhali? Xhasa impendulo yakho. (3)

13.9 ... uKhonjwayo waduda okomntu onesathuthwane, wajikeka umlomo, wabhedulula amehlo. Uthe akukhohlela wahlanza igazi, elinye laphuma ngeendlebe.

Mfanekiso ngqondweni mni ovezwa sesi sivakalisi singentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.10 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.11 Ingaba isiphelo sale ncwadi sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Bonisa ukuba isihloko sencwadi esithi *Inkawu idliw'ilila* siyahambelana neziganeko eziqhubeka ebalini.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

'Ewe andidingi nto kodwa intlungu endinayo ayinganganto. Kungcono ukubethwa unkankathwe kunokungcungcuthekiswa umphefumlo. Endaweni yokuba uMsindisi avelane nam kule ngxaki ndiyixelelwa ngugqirha, yena ngoku uvelisa amanye amaqhinga.
'Ubusazi ukuba uceba ukuthatha isithembu?'
'Hayi bo! Isithembu sesantoni ngoku?'
'Andithi kaloku mna andisokuze ndiphinde ndifumane abantwana ngokokutsho kukagqirha uChirandra?'

'Andithi beningayokuthatha nokuba bangaphi na kwaba baziinkedama, nizikhulisele bona? Ukuba umyeni wakho wenza loo nto,inene andiqondi ukuba usakuthanda, kwaye akasakuhloniphi watsho uMfuneko ebujenga.
'Yinyaniso leyo Mfuno. Akakhange athethe nokuthetha oku nam ngalo mba. Sendiwuhletyelwa ngabanye abantu.'
'Imbi ke ngoku le nto undixelela yona Thanti, kwaye iza kukubeka ngaphandle emtshatweni wakho ukuba akuqiqi.'
'Kungcono uMsindisi singamfumani sobabini nalo mntu aceba ukumthatha. Kwaye ukuba iintambo zingabanjwa ndim ngoku kula mashishini ndingatsho nam ndifane naba bafazi badla ibhotolo. Ndingumfazi wephepha kwaYangaphi,' watsho uThantaswa engavelisanga lusini, ebonakala ukuba usezingcingeni ezinzulu.
'Akulunganga ukwenza izinto zokungcola kuba ufuna imali nokuzilawula. Elam lelokuba zikhulule kula mathatyanga omtshato uzele ziintanda.'
'Mfuneko, uyayazi into yokuba andiwazi la mashishini ethu ukuba angenisa malini na ngonyaka? Kutheni uMsindisi endifihlela nje loo nto kodwa ndingumfazi wakhe? Into emandikuxelele yona mna kukuba nditshate nendoda eliqonda-ndleko elilumkele kwamna lo kuba akadivulelanga ne-*account* le yasebhankeni njengokuba ndingasebenzi nje.'

15.1 'Kungcono ukubethwa unkankathwe kunokungcungcuthekiswa umphefumlo.'

Sizathu sini esibangela ukuba uThantaswa athethe ngolu hlobo? (2)

15.2 Ingaba le mbono yokuzeka isithembu ibe nafuthe lini kubomi bukaMsindisi ? (2)

15.3 Ngokwesi sicatshulwa ungathi uThantaswa uvezwa njengomlinganiswa onjani? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.4 Sizathu sini esibangela ukuba uThantaswa azibize ngokuba ungumfazi wephepha kwaYangaphi? (2)

15.5 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

UNontsikelelo wawabona amadangatye omlilo ukuthi dwanga kwawo exhuma ngokungenasimilo ukuya phezulu. Ngelitha lomlilo, wambona laa mntu egxanya okwengxangxosi ukuya kusithela ngasendlwini, wabe seqiniseka ngesinxibo ukuba nguSiphongo lowa. Kuthe sekukudala umlilo uvutha weva isililo esilusizi sendoda siphuma kwelaa tyotyombe litshayo, wabe sel' eqonda ukuba sesikaMfezeko.

Samsika umxhelo de wazibona sele ecela kule nto yabantwana. Sathi besiqale ngokutsholo phezulu,wasiva sisiya sithotha ngokuthotha,suka sathi cwaka.Wawubukela loo mkhukhu unqunquza utaka iintlantsi de wawubona uthotha kancinci umlilo.

Loo ndawo ngoku yasuka yaba ligqengegqenge lilahle elikhulu ngokungathi liziko ebekuphekwe kulo izidudu zotywala. Kwakumana kusithi thaphu umsana omnyama apha naphaya.

'Kazi tyala lini alenzileyo umntwana wabantu sele elilifa lomlilo nje?' Wacinga ngolo hlobo uNtsiki iinyembezi kuye zimana ukuthi ntwi ntwi macala omabini amehlo. USiphongo naye wasiva isikhalo eso sasisitsho kalusizi ngathi siphuma entlango kasathana. Wavuya umfo omkhulu kuba ede wawuqabelisa umcimbi awayesithi ufuna indoda engenantliziyo kanina njengoMnenga. Wathi loo mlilo wakuthi pam, waphuma wakroba phandle. Wathi akungaboni mntu, wabuyela endlwini sele enomfanekiso wakhe ebala amarherheba emali aza kuyinikwa nguMfuneko.

'Inkawu idliw'ilila, mfana wam. Indlela eya empumelelweni ifuna umntu onesibindi sikasathana. Andinakuxaba endleleni yam eya ebutyebini ngenxa yobomi bakho. Yifa! Mhlawumbi ubulawa nje uyahlupha phakathi kuluntu.'

15.6 Chaza isiganeko esakhokelela ekutsheni kwetyotyombe. (3)

15.7 Sathi besiqale ngokutsholo phezulu, wasiva sisiya sithotha ngokuthotha, suka sathi cwaka.

Mfanekiso ngqondweni mni ovezwa sesi sivakalisi singentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.8 Cacisa ukuba lazalisekiswa na ithemba likaSiphongo lokuzibona ebala amarherheba emali awayeza kuyinikwa nguMfuneko? (2)

15.9 Ukuba ubunguNontsikelelo ubuya kuthini kule meko yokuva isikhalo somntu etshela etyotyombeni? (2)

15.10 Sisiphi isiganeko esalandela emva kwesi sokutshela komntu etyotyombeni? (2)

15.11 Ingaba isiphelo sale ncwadi sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**OKANYE**

## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Xoxa ngendima edlalwa zezi ndidi zoncwadi lwemveli kwintlalo yethu:

- Ingoma
- Izibongo
- Neentsomi

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**'INTSOMI KADELI NODELIWE'**

Kwahlala kwahlala kwayintsomi. Kwiinduli zaseLatakisa kwakukho abantwana ababelekelana, uDeli noDeliwe. UDeli wayeyinkwenkwe, uDeliwe eyintombazana. Abazali babethanda uDeli bengamthandi uDeliwe. Babesithi uDeliwe mbi kuba wayenesifombo. Yayimhlupha le nto uDeliwe kuba wayehlekwa nguDeli esithi bekufanele ukuba akangowakowabo kuba akuzange kubekho sifombo kowabo, siyaqala ukubakho ngoDeliwe. 'Kunokwenzeka ukuba wacholwa usemncinci wakhuliswa apha ekhaya.' Wayehlal'ahlale atsho uDeli enkqonkqa eso sifombo.

Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli, uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. Wahamba, wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna ukuba uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada wanesingqala. Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinane lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe, Deliwe!' Wathula eDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uza kusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe! Deliwe!' Wancuma uDeliwe waphendula, 'Ndiyeva ukuba uyandibiza kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba ndithi, 'hi-i-i, ndibengathi andinambeko.'

17.1 'Kwahlala kwahlala kwayintsomi.'

Nika umsebenzi wala mazwi. (2)

17.2 Abazali babethanda uDeli bengamthandi uDeliwe.

Atyhila ntoni ngabazali bakaDeliwe la mazwi? (2)

17.3 Ngokwalapha entsomini uDeli uzotywe njengomlinganiswa onjani? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.4 'Wahamba, wahamba, ...'

Lubonisa ntoni uphinda-phindo lwamagama kule ntsomi? (2)

17.5 Aba nafuthe lini kubomi bukaDeliwe amazwi athethwa lilizwi elalisitsho ngaphaya kwamawa? (2)

17.6 Tyhila isigqebelo esibonakala kule ntsomi. (2)

17.7 Mfundiso ni efumaneka kule ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

**ENKOSI STEVE BIKO**

A! Mzantsi-Afrika!
Nalo ke ilizwe lethu Mzantsi-Afrika.
Nalo ke ikhaya lethu Mzantsi-Afrika.
Nantso ke indawo yethu yokubalekela, Mzantsi-Afrika.
Nantso ke indawo yethu yokulilela, Mzantsi-Afrika
Namhlanje sithi yeyethu kuba asilwele amathandazwe.
Namhlanje sithi yeyethu kuba basilwele ooNokwindla.
OomGcina, ooTyhopho, ooXhamela, lowo ke nguSteve Biko.
A! Mzantsi-Afrika!

A! Mzantsi-Afrika!
Hayi! Hayi! Ndiyayithanda le ndoda andizenzi
Ndizibuz'umbuz'umhla nezolo, 'kutheni na?'
Andizange ndambona *mos*, ndimbon'emifanekisweni!
Kaloku le nt'ingumzabalazo ndizelwe seyisecicini
Yena ke ebesele emnabel'uqaqaqa.
Oooooo! Ndiyasibona ke ngoku isizathu.
Yile mfundo ingakhethe bani, zezi zikolo zingakhethe bani.
A! Mzantsi Afrika!

A! Mzantsi-Afrika!
Ndiyafunda kaloku kuba ndifundisiwe ndaye ndifundile.
Ndifunde ndafunda ndabon'ukub'usilwele isizwe esintsundu,
Ndabon'ub'uyisindisil'inkedama emlonyeni wengonyama,
Ndabon'ukub'umsindisil'umhlolokazi emlonyeni wengonyama,

Yafund'inkedama wathethelelw'umhlolokazi
Kanti ngaloo ndlela uhamba aph'uBawo asithuma khona.
Ukuba sinced'abangenamandl'okuzinceda
A! Mzantsi-Afrika!

17.8 Nika iimpawu ezimbini zesi sibongo. (2)

17.9 Lubonisa ntoni uphinda-phindo lwesikhahlelo A! Mzantsi-Afrika kwesi sibongo? (2)

17.10 Loluphi uluvo oluqaqanjiswa yimbongi ngoSteve Biko ukusuka kumqolo we-12 ukuya kumqolo we-16? (2)

17.11 Xela isafobe esisetyenziswe yimbongi kumqolo we-15, uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

17.12 Ntsingiselo ni equlathwe ngumqolo wama-20? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama eziNE, ukususela kumbuzo we-18 ukuya kumbuzo wama-25.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 18 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Phicotha isimo sentlalo kule drama ethi; *Amaza*.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 19 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

*AmaBhele adibene kwaDanile ngomcimbi kaNamhla.*

| | |
|---|---|
| KHULILE: | Silapha kwandlu-nkulu maBhele ngokusabela isicelo sikamkhuluwa uDanile. |
| SABATHA: | *(Eqongqotha inqawa, efulathela uDanile)* Iyawa yinyoni na Nkomiyahlaba! |
| DANILE: | *(Engcangcazela ngumsindo)* Ndithi mandinazise maBhele ukuba ndifike ingqeqe kaVaxa ijoja uNamhla xa bendivela kuzonwabela etywaleni. |
| MPHURHU: | Ngubani igama laloo mbundana? |
| QEBEYI: | NguLizo, ndiqinisekile. |
| ZOLA: | Inyaniso yeyokuba bebephefumlelana! |
| XOLILE: | Singena phi ke kumdlalo wabantwana? |
| QEBEYI: | Akukho buntwana ngandawo kumntu oza kutshata. |
| KHULILE: | Ingathi le nto yalo mntwana iza kusifumbathisa udushe! Uqinile kunjalonje. |

MPHURHU: Izifundiswa zihamba ngesitshatshela samagunya kuba kaloku laba yitrongo igazi lomntu.
QEBEYI: Kunjalo kanye! Namagqwirha ahamba `ngamagunya kuba igqirha elinukayo linukelwa ngumthetho!
ZOLA: Nilibele mawethu ukuba lo mfana akaliwa yintombi waliwa nini.
QEBEYI: Into ize ifike ithini?
ZOLA: Ebengandwendwelanga nina, ebehambele uNamhla.
SABATHA: Ehamba erhaqaza nje akanamfazi?
ZOLA: Ufuna umfazi wesibini.
MPHURHU: Yintoni ke leyo?
XOLILE: Sisithembu.
ZOLA: Esi nisithandayo!
QEBEYI: Masithi ebeye kuxolisa njengamadoda onke!
MPHURHU: Ibe ambalwa amadoda ahleli neentyatyambo ayezibone kuqala.
SABATHA: Unyanisile! Uninzi lweentyatyambo zamhlamnene luyokozela kweminye imizi!
VUYISILE: Yithi ziyabuna!
XOLILE: Nifuna kwenzeke loo nto nalapha kuNamhla?
MPHURHU: *(Ephakama ekrwempa intloko)* Nantsi Into maBhele. Kukho lilzwi elithi Siyasithanda isithembu, ngenene ke kunjalo. Makakhululwe uNamhla abengumfazi omncinci walo mfana, yiyona ndlela yokusixolisa sonke leyo.
ZOLA: UNamhla atshatwe ngumbundana ngoku!
QEBEYI: *Ephakama, ejonga kuMphurhu)*
Inyoka uyichane entloko mfo kabawo.

19.1 Sizathu sini esidibanise amaBhele ngalo mhla? (2)

19.2 Ingaba uDanile uvezwe njengomlinganiswa onjani? (2)

19.3 '… ndifike **ingqeqe** kaVaxa ijoja uNamhla …'

Liveza ntoni ngoDanile igama elibhalwe ngqindilili alisebenzise kumazwi angasentla? (2)

19.4 Loluphi udidi lomlinganiswa uNamhla? Xhasa impendulo yakho. (3)

19.5 Phawula ngendlela ababiza ngayo uMphurhu abantu ababhinqileyo. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

MADLAMINI: Kubuhlungu ukungazali uzele.
NAMHLA: *(Ekhala kabuhlungu)* Kubuhlungu ukungazalwa uzelwe!
MADLAMINI: Uthi usezingqondweni nje?
NAMHLA: Ndizoxuthwe zizenzo zakho.
MADLAMINI: *(Ekhomba isisu sikaNamhla)* Hlazo lini eli?
NAMHLA: Soze ndibe manyonywana ngalo mntwana, Ulihlazo kuwe, uliqhayiya kum; Kuni usisiqalekiso, kuthi ulithamsanqeliso.
MADLAMINI: Na … Na … Namhla!
NAMHLA: Lo mntwana sisithintelo seenjongo ezimbi, Likhonco lam noLizo, ngumchancatho wenkululeko.
MADLAMINI: Khawuthi cwaka, zola. Yithi tu. Ubundlobongela abuzanga buncede mntu.
NAMHLA: Igusha yafa ithule.
MADLAMINI: Sisimanga, inene sisimanga! *(Kungena uNodabephi)*
NODABEPHI: Uth'utat'uBhele khawulezani, Kudala befikile abantu.
NAMHLA: Nam ndiyafunwa?
MADLAMINI: Ndize kuphuthuma wena apha.
NAMHLA: Khawutsho ke Nodabephi, khawulikhuphe, Ndiza kukhutshwa embizeni ndilahlwe emlilweni?
MADLAMINI: Kutsho bani?
NAMHLA: Kutsho mna.
NODABEPHI: Funda ukuzibamba, Zama ukuzicenga; Uyafunwa ngamaBhele.
NAMHLA: Andifunela ntoni?
MADLAMINI: Kuza kuxoxwa nawe.
NAMHLA: Ndiza kuphulaphulwa mna?
NODABEPHI: Ewe, Yintoni kanti ingxoxo?
NAMHLA: Ngoobani abafikileyo?
NODABEPHI: Ikofu siyiphunge notat'omncinci, Ngentlazane kufike utat'ophakathi, Emin'emaqanda sibone ootat'omkhulu, Ngale njika-langa kugaleleke oobhuti basesikolweni.
NAMHLA: Andisokuze ndiye apho! Ndibon'utat'omncinci ethobel'utata, Kanti notat'ophakathi uya kumngqinela, Ubungangamsha babo bakuyongamela yonke loo mpi yesikolo.
NODABEPHI: Namhla, Kukathathu amaCirha ethatha iintonga, Oosiyazi bathetha ngelifu elihlomela uninzi. Ngenxa yakho iminyanya iza kuthumela ukufa, Umzi ngokubanzi umbatshile.
NAMHLA: Angambatsha onke amaCirha, Angazweba onke amaBhele, Zingathokombisa zonke iinkonde, Ingaqumba iminyanya itsale inyheke; Andisokuze ndahlukane noLizo.
NODABEPHI: Uthetha ngolu hlobo nje kazi luphina usindiso lwakho!

19.6 Yaba nasiphumo sini le ngxoxo yamaBhele? (2)

19.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwidrama? (2)

19.8 'Igusha yafa ithule.' Chaza ukuba intetho elapha ngasentla ibonisa ntoni ngoNamhla. (2)

19.9 Saba njani isiphumo sale ngxoxo iphakathi kukaMaDlamini noNamhla? Xhasa impendulo yakho. (3)

19.10 Nika umxholo wale drama. (2)

19.11 Loluphi udidi lomdlalo le drama? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[25]**

**UMBUZO 20 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU* – BB Mkonto**

Phicotha isimo sentlalo kwidrama ethi, *A-a-a! Jongumsobomvu*

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 21 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| NOBOMVU: | Nithi kuphi apha bafazindini? Ngumzi kabani lo nihlekisa ngawo? Zintoni eziya zikwelaa ziko? (*Ebamba uMamCirha ngengalo)* Akunazintloni wena MamCirha umdala kangaka? Khaniye ezimbizeni bafazi. Zifikile iindwendwe. (*Ubarhuqela ezimbizeni*) |
| MADLOMO: | Yhu! Uxolo bafazi! Sitsalwe bethu kukufika kweentombi zasekhaya, ndathi kuba ndizazi apha engomeni, ndakrweca uSis'MamCirha Bendisenziwa likhwele bethu, ndixoleleni, andiqondanga. |
| MAMCIRHA: | Hayi suka apha Thembukazi! Watarhuzisa into engenasiphelo. Kaloku asiyolelwa sonke ngala matheko angapheliyo. |
| NOGCULE: | Utheth'ukuthini ke Sis' MamCirha? Uzam' ukusixelela ntoni ngalo mdudo womntakwethu? *(Engatyhilekanga*) |
| MAMCIRHA: | Hayi Tshawekazi. Ungandivi kakubi. Ndishiywe nje ngumsindo kuba uNobomvu lo akasibizanga ngambeko noko phaya, kwaye besingesedwa abafazi, bakho nabo bathetha ngabo. Bendizama ukuthi asidibani thina noku kutya inyama kangaka kweli theko ngokungathi kukho nto ihlolwayo. |
| NOBOMVU: | Uqhele into embi ke khona MamCirha. Uyaziqonda nje kodwa ukuba usithela ngesebe lenkawu? Musa ukubenza izidenge abanye abantu.Kanti sihlikihlwe sonke apha phantsi kweenwele. Akukho mntu ungakwaziyo kule lali ukuba uzikhwebule kwizinto zalapha ekuhlaleni. Ndikubone kakuhle namhlanje ukuba uthi ubika imbiba ube ubika ibuzi kulo mkhwa, kuba ungafuni kubonwa. Hayi ntombi,mus'ukusenza abantwana, umqolo uvelile. |
| NOGQI: | Tyhini! Ungamxeleli nje Sis'Nobomvu ukuba sesimqaphele ukuba abantwana bakhe uyabagxotha kwimicimbi yethu apha ebulalini, baye kuvalelwa. Kaloku azilali mbetheni ezokuba. |

21.1 Sizathu sini esibangela ukuba uNobomvu abe lugcwabevu ngumsindo? (2)

21.2 Phawula ngezi ndwendwe athetha ngazo uNobomvu. (2)

21.3 Iveza ntoni le ngxoxo ngendlela ekuhleliswene ngayo kule lali? Xhasa impendulo yakho. (3)

21.4 Nika iinkolo ezimbini ekuthethwa ngazo kulo mdlalo. (2)

21.5 Sizathu sini esibangela ukuba uMamCirha angafuni abantwana bakhe badibane nabanye abantwana basekuhlaleni? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| NGQIKA: | *(Bakhahlela bonke ngoku)* Tyhini! Nantsi nenkulu yam. *(Ebamba uMaqoma ngesandla)* Yitsho ke mfo wasemzini *(Ebhekisa kuDonga, umhlabeli),* ubusasonwabisile. Kodwa ke ngoku sendibona nala majoni enu.Konakele phi ngoku? |
| KONDILE: | Akonakalanga ndawo. Alapha la madoda kuba ebesazi into yokuba size kuvuselela iLizwi kweli cala, aza ke anqwenela ukuza nawo ukuze aze kuphemba umoya wemvisiswano kunye noxolo apha kumaJingqi la onyana wakho. Ndicele ke ukuba uvuswe ukuze ube lingqina lale nkonzo ezuke kangaka neya kuhlala ihleli ezimbalini zesi sizwe kwa nesethu. Le asimisebenzi ingenye, yileyo yeNkosi leya ndimana ukulumana indlebe nawe ngayo. Ndiya kucela unyana wakho lo aphakame xa le ndoda iza kuthetha naye. *(Uyaphakama uMaqoma ebuziziliza)* Kungawe ke ngoku Kholoneli, thetha. |
| SOMERSET: | Enkosi mfundisi obekekileyo. Ndiyaqala namhlanje ukubonana nolu tshaba lwam. Ndibulela into yokuba siza kuhlala eluxolweni ngoku, kungekho namnye uya kuthi aphazamise omnye. *(Rhuthu incwadi esifubeni).* Ngegunya endalinikwayo yiRhuluneli yeli lizwe, emele ke ngoko oHloniphekileyo, ukumkani jikelele, loo ngangalala ingatshonelwa langa, ndiza kufunda le ncwadi*. (Uyayiqhaqha, kuthi kanye ngelo thuba agaleleke uFiliphu nehlokondiba lamakhoboka akhululweyo. Kothuka bonke abantu. Amabutho selindele nje Izwi kumsika amehlo akhe angasukiyo kuMaqoma. Kuyawilizela ngoku.)* |
| MATSHAYA: | Inzwi! Inzwi mawethu! |

21.6 Sityhila ntoni isenzo sokukhahlela esenziwa ngaba bantu kuthethwa ngabo? (2)

21.7 Kubonisa ntoni oku kuziziliza kukaMaqoma xa ephakanyiswa nguKondile? (2)

21.8 Loluphi udidi lomlinganiswa uSomerset? Xhasa impendulo yakho. (3)

21.9 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwidrama? (2)

21.10 Nika umxholo wale drama. . (2)

21.11 Loluphi udidi lomdlalo le drama? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**UMBUZO 22 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Phicotha isimo sentlalo kwidrama ethi, *Buzani Kubawo*.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 23 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WKTamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA M**

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Kowu, uyazi ukuba unyanisile. Yintombi loo nto, iyahlokoma yonke le lali ngesimilo sayo esisulungekileyo. Nam ndiyakungqinela mfazi. Kodwa ke ukumxelela kwethu masikhe siyiyeke leyo yentombi, yofanela mhla amawethu ahlangana. Okwangoku makhe simele nje ukuba kufuneka efune umfazi, kuba hleze kuthi kanti amawethu aza kuyichasa le ntombi. Yena ngokwakhe uGugulethu andiqondi ukuba angachasa, noko ngumntwana osivayo, ongagqithiyo kwilizwi lethu. |
| UMAGABA: | Ke ukuba aMaHlubi ayayichasa, uthetha ukuba kothiwani? |
| UZWILAKHE: | Andazi kaloku. |
| UMAGABA: | Mna zinkosi andikhathali nokuba umntu uchasa ade alale ngomqolo phantsi, ndifuna intombi kaMcothama ize kurhuqa amajelemani kule nkundla nokuba sekumnyam'entla. Andazi ke ukuba kukho umntu ongalawulwa ade alawulwe nangendlu yakhe. Ukuba kukho umntu obona isiphako kwintombi kaMcothama esingabonwayo sithi, akukho nto, yoba sisikade sethu eso. Akukho nzwana ingenasiphako kakade. Kungcono ukuba sithi hayi ukuzenza kunokuba sithi hayi ukwenziwa. |
| UZWILAKHE: | Hayi Gabakazi, seyikukubuza nje, yena umfana uza kuzeka intombi kaMcothana. Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu sele esithini. Ukuba ndithe uza kuzeka intombi ethandwa ndim, uza kwenza loo nto ke. |
| UMAGABA: | Ndingavuya ukuba unokwenjenjalo Rhadebe; ndiyathemba ke ukuba akuyi kujika kwinto oyithethileyo uzenze ixoki. Ingaba ngubani ixesha ngoku? |
| UZWILAKHE: | Andazi. |

23.1 'Yintombi loo nto …'

Sizathu sini esibangela ukuba Zwilakhe athethe ngolu hlobo? (2)

23.2 Nika iimpawu EZIMBINI eyayibalasele ngazo le ntombi kuthethwa ngayo ngokukaMaGaba. (2)

23.3 'Akukho nzwana ingena siphako kakade.'

Yiyiphi ingcinga evuselelwa ngala mazwi angasentla kaMaGaba ngoThobeka? (2)

23.4 Phawula ngendlela ambiza ngayo uZwilakhe uMaGaba kwesi sicatshulwa. (2)

23.5 Loluphi udidi lomlinganiswa uGugulethu? Xhasa impendulo yakho. (3)

23.6 Yaba nasiphumo sini le ngxoxo kaZwilakhe noMaGaba ngokutshata kukaGugulethu? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA N**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Uze kum uyandazi ndingubani? Ndiyini kuwe? |
| UTHOBEKA: | *(Cwaka)* |
| UGUGULETHU: | Thobeka! |
| UTHOBEKA: | Bhuti |
| UGUGULETHU: | Uyaphi? |
| UTHOBEKA: | *(Cwaka)* |
| UGUGULETHU: | Ndaza ndakubona simangandini! *(UGUGULETHU uyaphuma)* |
| UTHOBEKA: | *(Uthetha yedwa encancisa umntwana)* Kowu! Bandenza abazali bam ngokuhlala bahlale bandizise kwisilingo esinjengesi ndikuso ndibaxelela. Namhlanje ndibuzwa imibuzo engaphendulekiyo nje kungenxa yabo. Ukuba babelimamele ilizwi lam ngezingekho zonke ezi nkathazo. Namhlanje ndisezimbandezelweni ngento yangabom. Akwaba ebenokufika uma nobawo ngale mini (uyafixiza uyalila) babone imisebenzi yabo, abe nala mazwi ayavakala ezindlebeni zabo. Bandifake engxakini, ngoku bathe qelele. Noko maxa wambi kungcono ukuzenza kunokwenziwa, ngathi ngewunyamezeleka lo mvambo ukuba bendisithi ndazenza. Hayi nolulama ngokugqithileyo akunto kuba kunjenje namhla kungenxa yokuba ndathi ndilulamela ilizwi labazali. Ukuba ndandizilandule kule nto, ngendingekho kobu bugxwayiba namhlanje. Kodwa ke akukho nto, zonke izinto ndiziyaleza kuwe Thixo, nguwe umninizo, mayenzeke intando yakho. |
| UMNTWANA: | Mama! Mama! Yambiye, Yambiye mama! Ha-a-a-a! Ha-a-a-a! |
| UTHOBEKA: | Kowu Thixo! Kazi ndingumntu oyini na ndingazi namntu kulo Mthatha? Thula sana lwam? Thula Tanana! |

| | |
|---|---|
| OMNYE UMNTWANA: | Nam mama ndilambile. |
| UTHOBEKA: | Masikhe sithandaze bantwana bam. (*Uyacula)*<br>Unabantu bakho Thixo<br>Ngamaxesha onke<br>Ubagcine ubancede<br>Endaweni zonke…<br><br>Bakuwela imilambo<br>Uba nabo wena<br>Bakutshiswa ngemililo<br>Uba nabo wena<br><br>Apho batshutshiswa khona<br>Bomelezwa nguWe<br>Nasemarhamncweni Thixo<br>Bagciniwe nguwe………………………………… |

23.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwidrama? (2)

23.8 Sisiphi esi silingo athetha ngaso uThobeka? (2)

23.9 Saba njani isiphumo sale ngxoxo iphakathi kukaGugulethu noThobeka? Xhasa impendulo yakho. (3)

23.10 Nika umxholo wale drama. (2)

23.11 Loluphi udidi lomdlalo le drama? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**UMBUZO 24 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Phicotha isimo sentlalo kwidrama ethi, *Indlal'inamanyala.*

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 25 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA O**

| | |
|---|---|
| MAQHIKIZANE: | Come in! |
| SIQHIWU: | *(Engena)* Molo Mhlekazi. |
| MAQHIKIZANE: | Ufuna ntoni maan-eofisini yam ndixakekile? Thetha, khawulezisa! Ufuna ntoni? |
| SIQHIWU: | Hayi Mhle … |
| MAQHIKIZANE: | Mus'ukuthi hayi Mhle. Xela le nto uyifunayo maan, ndixakekile mna. |
| SIQHIWU: | Uxolo bawo. Noko bendi … |
| MAQHIKIZANE: | Andingoyihlo kwedini. |
| SIQHIWU: | Ndiyaxakwa ke ngoku Bawo xa usu … |
| MAQHIKIZANE: | Uxakwa yintoni na mfanandini? Uxakwe kwayile nto uze kuyifuna? Uthi mandithini ke mna? |
| SIQHIWU: | Khawume bawo ndicaci … |
| MAQHIKIZANE: | Kuya kuba ngcono uphume ngalaa mnyango ubungene ngawo ke mfo wam xa ikuxakile ngoku, ungekayiqali nokuyiqala le nto ubuze kuyifuna apha. |
| SIQHIWU: | Khawundiphe ithuba kaloku bawo |
| MAQHIKIZANE: | Andinaxesha lezibhadu-bhadu mna ezihamba zigqogqa ii-ofisi zabantu zingayazi into eziyifunayo. Uyandiva mfanandini? |
| SIQHIWU: | Noko ke bawo bendingayilindelanga le mpatho inje emntwini osele ekhule njengawe lo nokutsho. |
| MAQHIKIZANE: | Kwedini! |
| SIQHIWU: | Tata! |
| MAQHIKIZANE: | Uyinkwenkwe kabani le igeza kangaka? |
| SIQHIWU: | Ndiyinkwenkwe katata, ukuba ndiyinkwenkwe phofu. |
| MAQHIKIZANE: | Ndiza kuyifundiswa nguwe ngoku indlela yokuphatha abantu kule ofisi yam? |
| SIQHIWU: | Ewe, xa ungazange uyifundiswe ngabo babefanele ukukufundisa. |
| MAQHIKIZANE: | Uyazi ukuba uqaqadekile na mfanandini? Uyinkwenkwe kabani? |
| SIQHIWU: | Ndiyinkwenkwe katata. Kudala ndisitsho kuwe. Andazi ukuba usandijikeleza ngantoni na. |
| MAQHIKIZANE: | Ugwexa bani kwedini? Hhi? Ugwexa bani? |

SIQHIWU: Ndigwexa wena Mnumzana Maqhikizane.
MAQHIKIZANE: Tyhini!
SIQHIWU: Mandikuphe le ndawo bawo. Asongomzi wakho lo. Loo nto mayikhanye kuwe.
MAQHIKIZANE: Tyhini! Hay'uyageza kwedini. Uyageza!

25.1 Luphuhlisa eliphi ixesha ulwimi oluthi 'Come in' olusetyenziswa nguMaqhikizane ngokwesimo sentlalo? (2)

25.2 Yiyiphi ingcinga evuselelwa yindlela athetha ngayo uMaqhikizane noSiqhiwu kwesi sicatshulwa? (2)

25.3 Imveza njengomlinganiswa onjani uSiqhiwu indlela athetha ngayo noMaqhikizane? Xhasa impendulo yakho. (2)

25.4 Chaza injongo yokuba uMaqhikizane aphathe uSiqhiwu ngolu hlobo? Xhasa impendulo yakho. (2)

25.5 Xela owona msebenzi kaMaqhikizane kule ofisi. (2)

25.6 Saba njani isiphumo sale ngxoxo kaMaqhikizane noSiqhiwu? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA P**

*(Kusemini, erenkini, edolophini eMtata. Kungena uMaGatyeni, uMamQhinebe noSajini Ntamo)*

MAGATYENI: Andiyazi ke lento isuke yandenza amanwele namhlanje.
MAMQHINEBE: Amanwele antoni na MaGatyeni? Wena unentliziyo yentaka.
MAGATYENI: Ungathethi loo nto MamQhinebe emva koko sibanjwe apha.
MAMQHINEBE: Siza kubanjwa yintoni?
MAGATYENI : Ngamapolisa. Unani na lo mfazi?
MAMQHINEBE: Kufuneka ukhe uphekwe nguMagrazula ngokwakhe ngoku. Isekho indawana yobugwala esasaleleyo apha kuwe.
MAGATYENI: Hayi undincede wethu mna. Ndingangokabani kula mayeza aluma kangaka?
MAMQHINEBE: Kanti ndiza kumxelela uMagrazula akuphinde ngokwakhe.
MAGATYENI: Hayi bendincokola nje wethu Qhinebe, Andinamanwele mna.
MAMQHINEBE: Kufuneka ufane nathi aba maan. Uyasibona thina noDlezinye? Sakhutshwa amaxhala kudala.
MAGATYENI: Hayi bendincokola wethu.
MAMQHINEBE: Endaweni yokuba ucinge ngobutyebi obu uza kubufumana, ulibele ngamanwele.
MAGATYENI: Kodwa amanwele la wona andiphethe. Kubi ukuxoka. (*Usana lukhale kakhulu*)
MAMQHINEBE: Hayi wethu! Ngamanwele antoni na la undimele ngawo, nam uza kude undoyikise nje mfazindini?

MAGATYENI: Ibingezonjongo zam ukukoyikisa wethu Qhinebe. Ndixela into endiyiva apha kum mna.
MAMQHINEBE: Uyazi ukuba nam ngoku ndisuke ndanala manwele akho, ngenxa yakho?
MAGATYENI: Makhe sisuke kule ndawo.
MAMQHINEBE: Siye phi?
MAGATYENI: Makhe siye kuhlala kwenye indawo. Sakubuya xa seyilixesha lokuphuma kwebhasi.
MAMQHINEBE: Hayi kulungile masihambe. Nam ndisuke ndoyika ngoku.
NTAMO: Khawothule lo mntwana kudala ekhala emqolo mama ndimbukele, ungamhoyanga nakancinci ke loo nto.

25.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwidrama? (2)

25.8 Ngumqondiso wantoni ukuba namanwele? (2)

25.9 Loluphi udidi lomlinganiswa uMamQhinebe? Xhasa impendulo yakho. (3)

25.10 Nika umxholo wale drama. (2)

25.11 Loluphi udidi lomdlalo le drama? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**